Oku kohluke njani kwezinkonzo zikhoyo ngoku?

Inamendu/Iyakhawuleza. Kwindlela yezithuthi ezikhulu, izithuthi ziyakuba nemizila yazo zodwa kwaye kuya kubakho inkonzo ehamba ngamaxesha amiselweyo, exaphakileyo kwimindlela yezithuthi ezinikezelayo.

Inokhuseleko. Kuya kubakho amagosa okhuseleko kwizikhululo ezikhulu kwanomabona kude abafota into eyenzekayo kwizikhululo nakwizithuthi. Ukhuseleko luya kuba ngumba ophambili. Abaqhubi bayakujongwa ngeliso elibukhali kananjalo izithuthi ziyakulandelelwa ukuqinisekisa okokuba abaqhubi ngesantya esiphezulu nakakubi kananjalo nokuba izithuthi zibe kwizikhululo ngexesha elimiselweyo.

Kuhambeka kamnandi kwaye ziyafikeleleka. Ezi zithuthi ziya kuba zezalamaxesha, zicoceke, ziphangalale kwabo bahleli phantsi nabo bami ngenyawo. Ezi zithuthi ziyakukwazi ukumelana nokuba zifikeleleke nakubantu abadala, abantwana kwanabo bakhubazekileyo kananjalo zibe nendawo ezilungiselelwe izitulo zabo bakhubazekileyo.

Ayitshitshi. Iyakuba zizithuthi ezikhupha umzi kaomncinane kakhulu kakanjalo iyakuba ngabantu abaninzi abasebenzisa izithuthi zikawonke -wonke kunokusebenzisa izithuthi zabucala, ngoko kuya kuba zinzuzo koko kusingqongileyo.

IXabiso elifikelelekayo. Nangona ukuseka lenkqubo kuyakuxabisa ibhiliyoni zerandi, injongo kukuba kubekho amaxabiso okukhwela athelekiselekayo kunye nalawo ahlawuliswayo kungokunje**.**

Isebenziseka ngokulula. Inkqubo yamatitkiti okukhwela abizwa i smart khadi, izakusetyenziswa ukulungiselela ukuba abakhweli bakwazi ukuhla wesinye isithuthi esikomnye umzila bakhwele kwesinye nexabiso lokukhwela elinye. Olu hlobo lwamatikiti azakufumaneka kwizikhululo ezininzi nakwezinye iivenkile.

Ithetha uthini lento kubakhweli?

Ezinkonzo zizakusebenza ixesha elide ngosuku,- emini ukuya kutsho ngorhatya kwakunye nangempela-veki, izakuhamba ngexesha, izakuxhaphaka rhoqo kwaye ithembakalei. Xa lenkqubo sele imiselwe ngokupheleleyo, abantu bayakukwazi ukuhamba hamba kwisixeko ngokubanzi, ukutyelela izihlobo zakho kwakunye nosapho kwindawo ezahlukeneyo kwaye nabatyeleli bazakukwazi ukuzula-zula lula.

Injongo yoku kukwenza ihambi ibe lula phakathi kwale nkqubo yothutho nezinye iindlela zokuhamba hamba ezinje ngoku hamba ngenyawo, uhamba ngebhayisekile, ukukhwela itexi kwakunye nokusebenzisa inkqubo yokumisa isithuthi ukhwele kwesinye. Isicwangciso senkqubo yohambo engasebenzisi zithuthi siyaqulunqelwa isikhululo ngasinye.

Lento ithetha ukuthini kubantu abahamba ngezabo imoto?

Apho kukho ingcamango yokumisela imizila ye IRT, omnye umthamo wendlela uyakulahleka ungakwazi ukusetyenziselwa izithuthi zabucala kunye nezalathiso kwizithuthi, kwaye kuyakubekwa phambili izithuthi zika wonke-wonke. Oku kuyakukhuthaza izithuthi zabucala ekubeni ziguqukele ekusebenziseni lenkqubo intsha. Ukohlula inkqubo yothutho luka wonke-wonke kuleyo thutho jikelele kunganenzuzo kwimoto kwakunye nezithuthi zikawonke-wonke.

Izitalato apho izithuthi zabucala ziyakulahlekelwa ngumhlaba endleleni oyakuthi ube ngowalenkqubo intsha, iyakuba zezo zikumbindi wedolophu eHertzog Boulevard nase DF Malan. Nangona kunjalo, kuzo zonke ezindawo, imizila eshiyekileyo iyakwanela ukuthwala imfuno ngexesha likaxakeka.

Ngubani ozakuqhuba le nkqubo?

ISixeko saseKapa siso esizakwakha imizila yeIRT kwaye sicacise imigangatho wonikezelo lweenkonzo, amaxabiso okukhwela kwakunye nentlobo zezithuthi ezizakusetyenziswa.

Inkampani zabucala zona zizakunikezela inkonzo yokuqhuba umsebenzi wothutho nezinye iinkonzo. Abaqhubi zithuthi bayakuhlawulwa ngowe nani lekilomitha/umgama abathe bawuhamba kananjalo nokuthi bafezekise neminye imimiselo ebekiweyo yokwenza umsebenzi.

Kuzakubakho ithenda eyohlukileyo yokuqesha inkampani ezimeleyo ezukuqokelela intlawulo yokukhwela. Kuyakubakho nenkampani eyakumiselwa yona ijongane nokongamela ukuqinisekisa umgangatho ophezulu ekuqhutywa ngawo umsebenzi kananjalo ijongane nezikhalazo ezithi zifike.

Lento ithetha ukuthini kubasebenzi?

Isixeko saseKapa sithetha kubameli bebhasi kunye nebhasi ezincinci zesixeko ukwenzela baqondise ukuba bahlala indawo enkulu kule nkqubo intsha. Injongo kukuzuza inkqubo ephezulu ukanti kuphuhliswa ungeniso mali kwakunye nendlela zokusebenza kwisixeko

Lento ithetha ntoni kubasebenzi abakolushishino?

Le nkqubo intsha ilindeleke ukuba idale imisebenzi emininzi, hayi kwicala lokukha kuphela kodwa nakwicala le operations. Ukusebenza kulenkqubo intsha izakuchaza umsebenzi wesigxina kwakunye nemfuneko zonke zabasebenzi, ezinje ngokhuseleko emsebenzini,umsebenzi ngeyure rhoqo,umvuzo ofanelekileyo,imvume yokugula kwakunye nenzuzo yokukhulelwa.

Ivela phi imali yake projekthi?

Le nkqubo incedwe ngezimali ezisuka kwinkxaso kaRhulumente kaZwelonke kunye neSixeko saseKapa. Zontathu ezi zigaba zolawulo luka rhulumente, kubandakwanywa norhulumente wePhondo leNtshona Koloni, bazimisele ekuguquleni uthutho luka wonke-wonke KwiSixeko saseKapa.

Izakuqhubeka nini yonke le nto kananjalo izakundichaphazela njani mna?

Isigaba 1 sizakugqitywa ukususela kunyaka ka 2010 ukuya 2012 kwaye siyakwenza uqhakamshelwano kwindlela esuka kwisikhululo senqwelo-moya ukuya kumbindi wesixeko ukuya eGreen Point stadium kunye neendawo eziyingqongileyo kananjalo neenkonzo ezithululela kumbindi wesixeko. Kuzakubakho noqhakamshelwano kwi Ntshona yoNxweme (West Coast) olunikezela inkonzo kwindawo zase Atlantis, Mamre, Table View, Blouberg, Du Noon and Doornbacht.

Ndingazifumana njani iinkcukacha?

Ungayifumana inkcazelo eyongezelelekileyo ngoku tyelela iwebsite yeSixeko saseKapa ethi www.capetown.gov.za/irt

Inkqubo exutyanisiweyo, ekhawulezayo yothutho loluntu

Indlela ebhetele yokuhambisa abantu

June 2009

CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

THIS CITY WORKS FOR YOU

Yintoni Inkqubo exutyanisiweyo, ekhawulezayo yothutho loluntu?

I IRT yindlela yokuqinisekisa okokuba zonke iindlela zothutho loluntu zisebenza kunye/ ziyasebenzisana, kwaye zinikwa ingqwalasela ngaphezulu kwezithuthi zabucala. Eyona nxalenye iphambili ngale Nkqubo ikhawulezayo yezothutho, ebizwa " Bus Rapid Transit sytem (BRT- kukuba Ikhawuleza ngokumandla, yinkqubo yalamaxesha yohambo ngendlela, ethwala abakhweli ngeNqwelo zothutho loluntu ezohlukeneyo ngobukhulu.

Inkqubo exutyanisiweyo IRT yaseKapa isekelwe phezu kwemizekelo yalenkqubo esebenzayo kakuhle indawo ezininzi elizweni, kubandakanywa, Latin America, Asia; umntla Merika kunye ne Australia. Lenkqubo izakunika abantu baseKapa uhlobo lwenkqubo yothutho loluntu efumaneka rhoqo, ngamaxesha amiselweyo, ekhawulezayo kananjalo nethembekileyo.

Izakusebenza njani le IRT?

Kuza kubakho iintlobo ezimbini zokunikezela inkonzo:

- Imizila yendlela ehamba izithuthi ezikhulu
- Imizila engenelela kwindlela ezinkulu

Kwimizila yendlela ehamba izithuthi ezikhulu kuphela, kuyakubakho imizila eyohlukeneyo, elungiselelwe kuphela ukuhamba izithuthi ezibude buli 18m. Kule mizila kuyakubakho nezikhululo ezivalekileyo nezikhuselekileyo kwimeko zezulu, embindini wendlela, ntoleyo iyakuqinisekisa okokuba inqwelo-mafutha ziyakwazi ukuhamba ngokukhawulezileyo, zidlule kwezinye izithuthi kananjalo nokuba abakweli bayakwazu ukulinda ngokukhuselekilyo nakamnandi.

Imizila yendlela engenelela kwimizila emikhulu, iyakuba nezithuthi ezifutshane ngobude obu – 8.8m, ziyakuthwala abakhweli zibase kwimizila yethuthi ezikhulu, ngexesha lezohambo elingaxakekanga elinezikhululo emacaleni endlela.

Isithuthi ngasinye esikhulu esihamba kumzila wezithuthi ezikhulu, siyakuba neengcango ezibanzi, ezivuleka ngokumeleneyo neplatfomu yesikhululo, ukwenzela okokuba abantu bakwazi ukungena nokuphuma ngokukhawuleza. Izithuthi ezithululela kwizithuthi ezikhulu ziyakuba nomchankcatho umqhubo anokuwuthoba ukulungiselela abantu abakhubazekileyo. Lenkonzo iyakusebenza i-19 leyure ngemini kananjalo izithuthi ziyakuxhaphaka. Ukuxhaphaka kwezithuthi kuyakuba phakathi kwemizuzu embalwa ngexesha lokuphakama kwenani labahambi kananjalo ubuncinane, kathathu ngeyure xa inani labahambi lehlile.

Ixabiso lokukhwela liyakufikeleleka kwaye lithelekiseke nelo lihlawuliswa ziibhasi kwakunye neetaxi, kungokunje

Imizekelo yeenkonzo zeebhasi ezinikezela kwimizila emikhulu

Imizekelo yeenkonzo zeebhasi ezikwimizila emikhulu

Lemaphu yezohambo ibonisa inkqubo eyakuthi iqalise ukusebenza kwisithuba seminyaka eli 12 ezayo. Okwangoku kusajoliswe kumzila wendlela osuka kwisikhululo nqwelo moya uyokutsho e Green Point Stadium neendawo eziyingqongileyo

IKapa lifumana inkqubo ekhawulezayo nexubeneyo yezothutho

Lephamflethi ichaza okukulandelayo:

- Eyona nto iyiyo lenkqubo ikhawlezayo, ixutyanisiweyo
- Indlela eyakusebenza ngayo lenkqubo
- Apho iya kuya khona lenkqubo
- Indlela lenkqubo eyakuthi ibachaphazele ngayo abakhweli, abathuthi ebasebenzayo kungokunje kwakunye nabanye abasebenzisi ndlela
- Leproject iyakuqala nini ukusebenza

Iyakuya phi le nkqubo?

Isixeko saseKapa sineenjongo zokuseka uthungelwano lweemizila yeIRT kwisixeko ngokubanzi kwisithuba seminyaka e-10 ukuya kwe 12. Oluthungelwano lweendlela luyakuqinisekisa okokuba ngaphezulu kwama 75% abantu akwisithuba esimgama ongama 500m omgangatho ophakamileyo enkqubo yezothutho loluntu.

Oku kungafikeleleka kuphela xa kuthatyathwa inqanaba elinye ngexesha.

Kukho izigaba ezine zokuqalisa ukusebenza kwalenkqubo yeIRT. Isigaba sokuqala siyakugqitywa ukusuka kunyaka ka 2010 ukuya 2012.

Isigaba 1A:

Esi sigaba siyakwenza uqhakamshelwano kwindlela esuka kwisikhululo senqwelo-moya ukuya kumbindi wesixeko ukuya eGreen Point stadium kunye neendawo eziyingqongileyo.

Isigaba 1B:

Intsalela yesigaba 1 iyakubandakanya Umzila omkhulu ohamba uyokutsho kwiNtshona yoNxweme usiya e Bayside Mall, uhamba ngendlela ebizwa i Blaauwberg uyokutsho kwindlela i Potsdam ukuya eDu Noon kananjalo iikonzo zendlela ezinikezelayo eziya eBloubergstrand, Atlantis naseMamre kananjalo indawo ezingqonge itable View neParklands, idlule eMontague Gardens, idlule eCentury City ukuya Richwood.

Kuyakubakho imizila ye IRT eya e Century City kunye nase Montague Gardens kwakunye nemizila ye IRT esuka kwisikhululo senqwelo-moya ukuya eBellville nase Durbanville, Strandi nase Gordons Bay, eClaeremont nase Constantia ukuya e Table View udlula e Century City.

Isigaba 2:

Esi sigaba siyakudibanisa indawo exineneyo ngabantu esemzantsi-mpuma wesixeko, ebandakanya i Mitchells Plain kunye neKhayelitsha usiya kiwzikhululo ezixananaze kwi Peninsula.

Isigaba 3kunye ne 4:

Isigaba sokugqibela siyanwena sidibanise iindlela kuthungelwano ngokupheleleyo, kubandakanywa indawo ezinjenge Delft, Blue Downs kunye ne Helderberg.